

# UGalana wakha ubuhlobo

Libaliswa kwakhona ngu Joanne Bloch

Imifanekiso izotywe ngu Jiggs Snaddon-Wood



“Galana, lixesha lokuqokelela ukutya!” utshilo uMama uGala ngenye intsasa.

“Ndiza kuthuma kwenye indawo entsha namhlanje!”


UGalana wandwebisa iindlebe zakhe. “Uza kundithuma phi?” wabuza. Wayekuthanda ukukhangela ukutya kwindawo ezintsha.

“Kule veki iphelileyo isiphango sisiphule umthi,” watsho uMama uGala. “Isiqu sawo senze umchankcatho phezu kwequla elisezantsi kwintatyana. Yiya phaya, usebenzise umthi lowo ukuwela, ukhangele ukuba awunakufumana kutya okumnandi ngaphesheya kwequla kusini na.”

Wahamba uGalana. “Ndimncinane, kodwa ndiyakwazi ukukhangela ukutya!” waziculela njengokuba wayebaleka esihla kwintatyana esiya ngakumhlaba othe tyaba. Emva kwethutyana, wabona iSikhova sizozelela kumasebe omthi. “Molo Sikhova,” wabulisa uGalana ngesimilo.

“Molo,” satsho isikhova ngelizwi elozelayo. “Uyaphi uhamba wedwa nje?”

“Ndiza kuwela kweli qula limdaka ndiyokufuna ukutya ngaphesheya,” watsho uGalana ngokuzingca.



“Kulungile, ulumke,” satsho iSikhova. “Awunazinzipho zibukhali njengezam!”

UGalana wadlula amatyholo nemithi embalwa. Wabona uDyakalashe ezipholele emthunzini wetyholo elikhulu. “Ah! Nanku UGalana,” watsho uDyakalashe ngobubele. “Uyaphi?”

“Ndiyokukhangela ukutya ngaphesheya kwequla,” watsho UGalana.

“Hmm, ulumke,” watsho uDyakalashe. “Awunamazinyo abukhali njengawam!”

UGalana wayesele ewabona ngoku amanzi equla emenyezela kude kufutshane. Wakhawuleza ukuya ngasequleni. Emva

komzuzwana wadibana noMvundla. Wawuzingqengqe engceni ende ugcakamele ilanga. “Molo Galana,” wabulisa uzekelela kuba wawusitya ingca. “uGalana phi na?”

“Ndiza kuwela eli qula ndiyokufuna ukutya ngaphesheya,” wacacisa Galana.

“Oooowu,” watsho uMvundla owonqenayo. “Uligorha! Akuyoyiki INTO?”

“Andoyiki NTONI?” wabuza uGalana ngelizwi lakhe elincinane.

“Uyayazi,” watsho uMvundla, “laa NTO ihlala equeleni!”

“Andoyiki!” watsho uGalana, watsho eqhubeka nohambo lwakhe. Kodwa njengokuba esondela equeleni, waqala wanqwenela ukuba akwaba ebengadibenanga noMvundla. Yintoni le NTO, kwaye iza kumenza ntoni?

Ekugqibeleni wafika emthini ongumchankcatho. “Andizikujonga phantsi,” wazithethela. Ngokukhawuleza, watsibela emthini wachankcatha kuwo. Kodwa uthe xa esesizikithini akakwazi ukuzibamba wajonga emanzini amdaka ... nantso wayibona INTO! Wabona ubuso obumjongileyo! UGalana zange afune ukuzibonakalisa indlela awayesoyika ngayo, ngoko ke wazenza mbi ebusweni ... kodwa nayo le NTO yazenza mbi ebusweni waze woyika kakhulu!

Ixhala lakhe lingongoza, uGalana wajika wagqotsa ukuya ngasekhaya. Wadlula engxamile kuMvundla owawulele cum, kodwa wema akufika kuDyakalashe. “Ndincede!” watsho ekhefuzela, “kukho INTO equeleni! Ndenze ntoni?”


“Ungazihluphi,” watsho uDyakalashe, “thatha ilitye elikhulu uze uyibonise lona laa NTO! Oko kuza kuyoyikisa ibaleke!”

UGalana wachola ilitye elikhulu wabuyela equeleni. Kodwa uthe akufika embindini womchankcatho wajonga phantsi ejonga INTO, waza wayibona iphethe ilitye nayo!

Waliphosa ilitye waza wabaleka echankcatha emthini, wadlula kuMvundla nakuDyakalashe, wade wafika phantsi komthi apho iSikhova sasilele khona. “Sikhova, Sikhova!” wakhwaza esoyika. “Ndincede! Kukho INTO equeleni! Ndenze ntoni?”

“Hmmmm,” satsho iSikhova sicinga. “Thatha intonga uze uyibonise yona INTO leyo! Oko kuza kukunceda!” satsho.

UGalana wafumana intonga ende waza ezolile, wabuyela emthini ongumchankcatho. Kodwa uthé akuyiphakamisa intonga yakhe wajonga ezantsi emanzini wayibona INTO iphethe intonga enkulu nayo!



Esoyika, uGalana waphosa intonga yakhe equleni waza wabaleka edlula ekhefuzela kuMvundla, kuDyakalashe nakwiSikhova. Wanyuka intatyana ebaleka njalo waya kufika ekhayeni lakhe. Wazijula phantsi ecaleni kukamama wakhe ediniwe waza wambalisela ukuba kwenzeke ntoni.

“Owu Galana sana lwam,” watsho uMama uGala ngelizwi elithuthuzelayo. “Ungakhathazeki! Ndiyazi kanye into ekufuneka uyenze. Emva kokuba uphumlile, uze uphinde uye equleni. Ungaphathi ntonga okanye ilitye. Xa ufikile esizikithini somchankcatho, uze ujunge ezantsi emanzini, kodwa kwesi sihlandlo, xa uyibona INTO uze uyincumele!”

“Ndiyincumele?” wabuza uGalana othukile. Wayengakukholelwa okuthethwa ngumama wakhe.

“Ewe, uze uyincumele,” waphendula uMama uGala.  
“Ndiyakuthembisa iza kusebenza le nto ndikuxelela yona.”

Ngokwenene, uMama uGala wayenyanisile. Ukufika kukaGalana esizikithini somchankcatho wajonga phantsi wancuma. Kwenzeka okungalindelekanga, INTO yamncumela nayo uGalana ngeyona ndlela ikholisayo! UGalana wawangawangisa ngesandla sakhe yaza neNTO yenza kwangokunjalo. UGalana wavuya kakhulu! Watsibatsiba ukuwela ngomchankcatho, waza emva kweyure ezininzi zolonwabo wabuyela ekhaya ephethe intaphane yeengcambu ezimnandi ezithe khu phantsi kwekhwapha ngalinye.

Ngobo busuku, njengokuba amagala ayehlala  
phantsi eza kutya isidlo sawo esimnandi,  
uGalana wabalisela umama wakhe  
ngako konke okwenzekileyo. “Ndathi  
xa ndiyincumela INTO, nayo  
yandincumela!” watsho.

“Ndiyazi,” watsho uMama.

“Ndathi xa ndiwangawangisa  
ngesandla sam, nayo INTO  
yawangawangisa!” watsho  
uGalana.


“Ndiyazi,” waphendula uMama  
uGala kwakhona.

“Ndicinga ukuba ifuna ukuba  
ngumhlobo wam!” watsho uGalana.

“Ndiyazi,” waphendula uMama.

UGalana wacinga umzuzwana. “Kodwa Mama,” watsho, “yintoni laa NTO?” UMama uGala wamxelela.

Ucinga ukuba uMama uGala wathini?



### SEBENZISA UBUGCISA BAKHO!

- Zoba umfanekiso kaMama uGala ethetha noGalana uze wenze neqampu
- lentetho kaMama uGala. Kweli qampu lakhe, bhala ingcaciso yakhe yokuba
- yintoni “INTO”.

# UGalana wakha ubuhlobo

Libaliswa kwakhona nguJoanne Bloch • Imifanekiso izotywe nguJiggs Snaddon-Wood



## Umfanekiso

Jonga esipilini uze wenze ubuso obuhlekisayo. Kwphepha elikhulu, zoba isipili kune nento oyibonileyo xa ubuzijonga kuso.




## Ukufunda

Funda isihloko sebali. Zenzele ezinye izihloko ezibini zebali.



## Ukubhala

Zoba umfanekiso wasekupheleni kwebali apho uMama uGala noGalana bencokola. Yenza ilifu lamagama likaGalana uze ubhale kulo amagama akwibali apho abuza uMama uGala malunga NENTO. Faka ilifu lamagama likaMama uGala uze ubhale kulo ingcaciso yakho yokuba iyintoni "INTO".



## Ubuchule

Songa iphepha le-A3 okanye le-A4 esiphakathini. Peyinta amachokoza kwelinje icala lesiqingatha sephepha emva koko usonge iphepha ukuze loo machokoza epeyinti aprinteke kwasinye isiqingatha.



## Ukwenza

Dlala umdlalo wesipili. Yima ujunge umlingane. Tshintsha-tshintsha ngokuba "sisipili" nokuba ngumntu ozijonge kuso. Isipili silinganisa intshukumo yomzimba – ngokomzekelo: beka isandla sakho sasekunene entloko, khupha ulwimi lwakho, phakamisa igxalaba lakho.